**IMIYALELO:**

1. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo A noMNYE kwiCandelo B ibe MIBINI kwiCandelo C.

2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho ozinikileyo.

4. Bhala cacileyo nacocekileyo ukuze kuba lula ukukorekisha umsebenzi wakho.

5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

6. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-400 – 450 amagama.

   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala i-180 – 200 (umxholo kuphela) amagama.

   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala i-120 – 150 amagama.


   ICANDELO D: IITEKISI EZIBONWAYO NEZEMALTHMIDIYA - Bhala ama-120 – 150 amagama.

**ICANDELO A**

**ISINCOKO**

**UMBUZO 1**

Ububukela umdlalo wamagqibela kankqoyi webhola ekhatywayo weNdebe yeHlabathi Chaza ngeemvakalelo zakho.




**[50]**

Copyright reserved 

## UMBUZO 2

**UKUNXIBA IMPAHLA ESEFASHONINI YEYONA NTO IXATYISWE KAKHULU LULUTSHA.**



Ingaba uyavumelana kusini na nesihloko esingasentla kwalo mfanekiso. Xoxa kuvokotheke. **[50]**

## UMBUZO 3

Ukungazibandakanyi kolutsha oluninzi kwezemidlalo yenye yezinto ezibangela ukuba lube lilifa lokuhlaselwa zizifo ezithile. Ucinga ukuba kungenziwa ntoni ukukhuthaza ulutsha ukuba luzibandakanye kwezemidlalo ngokobuninzi balo?




**[50]**

**UMBUZO 4**

Abafundi abaphumelele iBanga le-10 kufanele ukuba bavunyelwe ukuba bafunde ngexesha lasemini baze basebenze emalanga ukwenzela ukuba bazenzele imali. Xoxa ngesi sincoko ujonge omabini amacala engxoxo. **[50]**

**UMBUZO 5**

Bhala isincoko esiphela ngesivakalisi esithi, "Inene andisokuze ndiyilibale loo mini ebomini bam!" **[50]**

**UMBUZO 6**

Ulutsha maluvulwe luzinkxonkxele ikamva lalo ngendlela elifuna ngayo kungabikho ngenelelo lwabantu abadala. Luthini uluvo lwakho ngalo mbandela. Xoxa. **[50]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO A: 50**

**ICANDELO B**

**IMIHLATHANA EMIDE**

**UMBUZO 1**

Kwiphephandaba lasekuhlaleni kwingingqi ohlala kuyo kubhengezwe isithuba somsebenzi soMpathi kaMasipala wommandla okuwo. Zonke iimfuno zalo msebenzi zidwelisiwe kweli phephandaba.

Unomdla kulo msebenzi ngenxa yesakhono onaso kulawulo looMasipala kunye nomvuzo oncumisayo. **Bhala isivi** yakho ngokweemfuno zalo msebenzi. **[30]**

**UMBUZO 2**

Kwingingqi ohlala kuyo kukho umkhuba ombi wokubiwa kwabantwana banyamalale umlibe. **Bhala iphamflethi** yokulumkisa uluntu ngalo mkhuba unika neengcebiso. [30]

Copyright reserved 

**UMBUZO 3**

**Bhala udliwanondlebe** oluphakathi kwemvumi yodumo oyithandayo kunye nawe. Sibonisa ukuba ungaxoxa uthini nale mvumi yakho yodumo. **[30]**

**UMBUZO 4**

**Bhala ingxelo** eya kwiBhunga labafundi besikolo sakho njengoko ube uyinxalenye yegqiza ebe liye kumela abafundi kwiingxoxo neBhunga labazali abalawula isikolo malunga nokupheliswa kokunxitywa kweyunifom esikolweni. **[30]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO B: 30**

**ICANDELO C**

**IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**

**UMBUZO 1**

**Yila ikhadi** lesimemo esingomtshato kabhuti okanye usisi wakho, oza kusithumela kwizihlobo zakho uzimemela kwesi sihikahika somtshato. **[10]**

**UMBUZO 2**

**Bhala i-imeyl** eya kumhlobo wakho ohlala kude nawe, umbikele ngesiganeko esisematheni esenziwe ngumhlobo wakho kutshanje. **[10]**

**UMBUZO 3**

**Bhala i-sms** ekhawulezileyo eya kukanina wakho umcele aze kuchithela iiholide zeKrismesi kowenu. **[10]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 10**

Copyright reserved 

## ICANDELO D

## IITEKISI EZIBONWAYO NEZEMALTHMIDIYA

### UMBUZO 1

**Bhala umyalelo** oxelela umhlobo wakho ngendlela eya kwikhaya lakho ukusuka kokwabo nokokuba ukude kangakanani na. Umcacisele akwazi ukuza kufika kowenu esebenzise leyo miyalelo yakho. **[10]**

### UMBUZO 2

**Bhala isibhengezo-ntengiso** esingentengiso yeyona moto iphambili nethandwayo ngabantu abaninzi. **[10]**

### UMBUZO 3

**Bhala ipowusta** eyazisa abantu ngomnyhadala womculo oza kubanjelwa esikolweni ofunda kuso. **[10]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO D: 10**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Copyright reserved